URhulumente weNtshona Koloni

UBAMBISWANO NGAMANDLA.

# ISAZISO ESIBALULEKILEYO

## ISIMEMEZO SOKUTYUNJWA KOKUNYULWA KWELUNGU LEBHODI ELAWULAYO KAGUNYAZIWE WEZOTYWALA ENTSHONA KOLONI

UGunyaziwe wezoTywala eNtshona Koloni ("i-WCLA") usekwe licandelo lesi-2 loMthetho woTywala weNtshona Koloni, 2008 (uMthetho 4 ka--2008) ("uMthetho"). Kukho izithuba ezimbini kwibhodi yolawulo ("iBhodi") yeWCLA yabantu abahlangabezana neemfuno ezichazwe ngezantsi. Ukutyunjwa kwamagama kumenywa kubantu abanomdla ukuba batyumbe abagqatswa abathi ngokoluvo lwabo bafanele ukonyulwa njengamalungu eBhodi. Isimemo esifanayo sokutyumba sasipapashiwe phantsi kweSaziso sePhondo 93/2020 sowe-25 ka Septemba 2020 kwaye sinokujongwa kule webhusayithi https://bit.ly/3ixiTqh

Uxanduva lwelungu lubandakanya ukuya nokuthatha inxaxheba kwiintlanganiso zeBhodi kunye nayo nayiphi na eminye imisebenzi enikezwe kuMthetho kunye neminye imithetho efanelekileyo.

Onke amagama abatyunjiweyo kufuneka abeke izizathu zokuba lowo utyunjiweyo azibone elungele ukunyulwa njengelungu leBhodi kwaye kufuneka zihambe kunye nolona lwazi luphambili lwezifundo lwalo mntu utyunjiweyo.

**Abatyunjiweyo mabafezekise ezi ndlela zilandelayo:**

(a) abe neminyaka engama-25 ubuncinci;
(b) abe ngummi woMzantsi Afrika kwaye abe uhlala ngokusisigxina eNtshona Koloni;
(c) angathinteleki ngokwecandelo lesi-5 loMthetho;
(d) abenolwazi olufanelekileyo okanye amava —
  (i) kwiinkqubo zokuqinisekisa ukuphendula ngendlela eyiyo, ubulungisa kunye nokungafihlisi ekuqhubeni kweshishini lombutho; okanye

  (ii) ukujongana nokulwa kweziphumo ezimbi zentlalo zokusetyenziswa gwenxa kotywala.

Onke amagama abatyunjiweyo kufuneka angeniswe ngokubhaliweyo ngohlobo lweFomu yoku-1 kwiSihlomelo sesi-3 seMigaqo yoTywala yeNtshona Koloni, 2011, kwaye kufuneka ahambe kunye nolona lwazi luphambili lwemfundo yomtyunjwa. Iifomu zokutyumba zinokufumaneka ngesicelo ku-Adv. JC Gerber SC kule imeyile jan.gerber@westerncape.gov.za okanye kwiwebhusayithi https://www.wcla.gov.za/members_of_the_board.

Ukunyulwa kuya kwenziwa kujongwe ubuntununtunu bobuhlanga kunye nobesini. Amalungu eBhodi anyulwa okwethutyana ixesha elimiselweyo nguMphathiswa wePhondo elinokuthi lingadluli kwiminyaka emine.

Onke amagama abatyunjiweyo kufuneka angeniswe ngentsimbi okanye ngaphambi kwentsimbi-12: 00 ngowama-13 EyeNkanga 2020 -—

**(a) ngeposi ku:**
Adv. JC Gerber SC
PO Box 5346
Cape Town 8000;

**(b) nge-imeyile ku:**
jan.gerber@westerncape.gov.za
(Phawula ibhokisi yesihloko ngokucacileyo njengethi: WCLA NOMINATION FORM);

**(c) ngefeksi ku:**
086 531 4283; okanye

**(d) uyise ngesandla:**
IBambela leNtloko leSebe loKhuseleko loLuntu
ULwamkelo lwangaPhambili
UMgangatho oseZantsi
35 iSitalo iWale
EKapa.

**Imibuzo inokwenziwa ku-Adv. JC Gerber SC:**
**Inombolo yomnxeba:** 084 814 4961; okanye
**I-imeyile:** jan.gerber@westerncape.gov.za.

Onke amagama abatyunjiweyo aya kuphathwa ngokufihlakeleyo.